

[Xosa Poetry for Schools]

IMIHOBE NEMIBONGO

YOKUFUNDWA EZIKOLWENI

YENZIWE NGU

S. E. MQAYI

Umbáli we-*Tyala lama-Wele*, Imbóngi ye-Sizwe,
NABANYE.

LONDON

THE SHELDON PRESS

NORTHUMBERLAND AVENUE, W.C.

~~1071-1106 184~~

~~1/16~~

~~63/2908~~

FIRST PUBLISHED IN 1927

INTSHAYELELO

SEKULITÚBA elinobom kufuneka ukuba ibekó incwadana eloluhlobo, yokufundisa izifihlelo kwintsapó efunda kwizikolo zemini.

Umhlobo wetú ke, u-Mongameli waba-Hloli be-Zikolo, wenze imigungqo epátékayo,—yaba ke namhla yiyo le loncwadana esisiqalo.

Sicela ucoselelo lwetitshala ekuyifundiseni. Siyawabulela amanene até avuma ukuba imi-Hobe ayenzileyo kunye nemi-Bongo, ifakwe nayo apá ; yona ke yobonakala kunye namagama awo.

Sití abenu Enkonzweni,

S. E. MQÁYI,

E-NTAB'OZUKO,
BERLIN, C.P., 1926.

ISALATISO

UMQULU I

	IPÉPÁ
U-Yeye ...	3
U-Qongqotwáne ...	4
U-Ngqwangi na-Nqilo ...	4
Inqilo ...	5
Uvivingane ...	6
U-Nomgogogo ...	7
Inyok' Enkulu ...	8
Ukutútúzel' Usana ...	8
Isele ...	9
Apó luyayo ...	10
Isiqwála so-Nongadlela ...	10

UMQULU II

"U-Káwulezis' Amaxesha "	15
Ukufa nokutwása komnyaka	16 ✓
Umbongo we-Kresimesi	20
A ! Mhleka' Omhle !	22
A ! Sonini Nanini !!!	26
Umhobe ka-Ntu	30
Umkósi wemi-Daka	32
Ukutshóna kuka-Mendi	38 ✓
Emakáyeni ! Emakáyeni !	41

	IPĒPĀ
I-Tyùme—I	43
I-Tyùme—II	47
Isimemezo sika-Somgxada	51
Ilitye lesikùmbuzo (J. A. Bennie)	55
Mntwanana	57
Inqwelo ka-Lizwi	62
Sebenza !	65
I-Kála	68
Imbàlela	73
Isikùngo semvula	74
Ukubulela imvula	76
Imvula ²	78
Imvula nohlaza	79
Intlokohlaza	81
Ixesha	84
Inyaniso	86
Ukunqinelwa ngunkwintshana	87
Ucoceko I	90
Ucoceko II	93
Umfo endimtândayo	96 ✓
Umntu ovimbáyo	98
Umona	101
Isifo socúku	103
Linga kwakóna	104
Ukuvulwa kwezikolo	106
Iholide	108
Iqaqa liqáuk' uqóqóqó ²	110
Iqoqa le-Nggongqo	112
Ixoxo nomxáxá womxoxozi	114 +

UMQULU I

(WABANTWANA ABANCINANE)

IZIFUNDWANA EZIDALA ZASEMA- XÓSENI :

INGONYANA, NEMIBUZWANA ENEMPENDULO

Lemibuzwana, ikunye nempendulo, zinto ezibe zisakwenziwa ema-Xóseni. Injongo yayo ikukwenza ukuba ingqondo yomntwana ibe nento eyibambileyo; kuba obesakuti angaziqondi ezimpendulo, kwanje ngentsomi, ubekangelwa njengesityákala, ahlekwe nangabanye, azame ke ngoko naye.

U-YEYE

NGUBANI lo ?—Ngu-Yeye.

Uhambá nabani ?—Noyise.

Umpátéle ntoni ?—Amasi.

Ngendeb'enjani ?—Ngebomvu.

Wayibeka pí ?—Esibaya.

Kwesingakanani ?—Kwesikúlu.

Kunye : Hi ! mayisele—Zidenge zodwa !

Hi ! mayisele—Zidenge zodwa !

U-QONGQOTWÁNE

(Ingoma)

MOMBÉLELEN' u-Qongqotwáne,
 Mombélelen' u-Qongqotwáne ;
 Gqira lendlela ngu-Qongqotwáne,
 Gqira lendlela ngu-Qongqotwáne.

Nqo-nqo-nqo-nqo !
 Nqo-nqo-nqo-nqo !
 Ngu-Qongqotwáne !
 Ngu-Qongqotwáne !!

U-NGQWANGI NA-NQILO

TYELELE-tyelele—
 Ngqwangi na-Nqilo
 Mntaka-Plangana !
 Goduka, Ncede,
 Wafa yindlala ;
 Ncede ncikane
 Yokopísela !!!

INQILO

Umhambi ema-Xòseni uva ubumnandi xa até, ehambá, kwavuka i-Nqilo, landanda pézu kwaké likála. Uti indlela yaké isikelelekile. Ude anqule enjenje : —

Zwi-i ! Zwi-i-i !

TÉTÁ !

Tétá, Ntak' ama-Dladla !

Ukutsho ndilap' utínina ?

Utínina ntak' ama-Dladla,

Ka-Gocini no-Mvundlela ?

Watsho ndilapá na ?

Watsho ndiseluhambéni !

Tétá !

Ut' injanina lendlela ?

Njwi-i-i ! Njwi-i-i !

Wiyo ! Wiyo ! Wiyo !

Njwi ! Njwi ! Njwi !

Njwi ! Njwi !!

UVIVINGANE

LUN' olu ?	Luvivingane.
Luva pí ?	Luva kwa-Ndwendwa.
Ndwendwa ni ?	Ndwenda kwéza.
Kwéza ni ?	Kwéz' impandulo.
Mpandulo ni ?	Mpandulo vece.
Vece ni ?	Vece mkúpá.
Mkúpá mni ?	Mkúpá ncungu.
Ncungu ni ?	Ncungu doyi.
Doyi ni ?	Doyi vatala.
Vatala ni ?	Vatala nongwe.
Nongwe ni ?	Nongwe gele.
Gele ni ?	Gele nkuku.
Nkuku ni ?	Nkuku qanda.
Qanda ni ?	Qanda qokolo.
Qokolo ni ?	Qokol' ehleli.

U-NOMGOGOGO

WA, Nomgogogo ! Yo yo !
 Ap' amatóle ? Akasesapá ?
 Wena wenzani ? Andity' amatye ?
 Amatye kukutya ? Wen' ungewatyi ?
 Uvuba ngani ? Asingumqotóngo ?
 Uwumbá pi ? Andiwumbí kwa-
 Gantsa ?
 U-Gants' atíni ? Akatsho n' ukutí,
 Ndingakutshaya ngenduk' am le itshay'-
 inja,
 Upápáték' ubék' elu-Sutú !
 Vuka, kwábab', uvutéle !
 Ndivuke njanina, ndipándliwe nje
 Ngamakwénkwe ka-Tabetú ?
 Tabetú mni ? Xél' inkabi le sinqunquté—
 Isonka sokuza kokusa silukúni njengo-
 msila wenja !!!

INYOK' ENKULU

(Ingoma)

Nyok' enkulu, nyok' enkulu,
 Ndipé ndisele !
 Andiyikutsho kwabakwa-Ndendwana,
 Ukutí ndibon' inyok' enkulu,
 Egila limlawu-lawu !!

UKUTÚTÚZEL' USANA

(Ingoma)

- 1 LALA, lala, lala, sana ;
 Lala, lala, lala, mntwana ;
 Lala, lala, lala, bábá ;
 Lala, lala lala, mntwana.
- 2 Asimntwan' ukutánd' ukulila ;
 Asimntwan' ukutánd' ukulila ;
 Lala, lala, lala, lala, bábá ;
 Hlala, hlala, hlala, sana.

3 Tutu, tutu, tutu, bá bá ;
Asimntwan' ukutánd' ukulila ;
Lala, lala, lala, lala, bá bá ;
Tutu, tutu, tutu, mntwana.

4 Lala, lala, lala, lala mntwana !
Ungab' undibona ndingenangubo !
Ingub' am ihlutwé ngamanyangaza !
Amanyangaza akwa-Ntshabalalo !

ISELE

NAL' isele,
Emva kwendlu kabawo !
Lidla licóla-cóla.
Liti ndakuligxotá,
Lit' ukusuka kwalo :
Tsi-gxada !
Tsi-gxada !
Tsi-gxada !!

APÓ LUYAYO

*(Esi sisigulo somntu otĩ, exelelwa, abe
ep̣íkile ; yingoma)*

SIYALUBON' apó luyayo,
Luya kwa-Jikijane ;
Intab'o' Jikwa ;
Apó kumpukane
Zinemikála ;
Zit' ukulil' oku,
Zidal' u-Dzume ;
Zit' ukulil' oku,
Zidal' u Sanxwe.
Cimbi likányile
Emafini.

ISIQWÁLA SO-NONGADLELA

(Ingoma)

YININA leyo ?
Sisiqwála so-Nongadlela !
Yinina leyo ?
Siqwála so-Nongadlela !

Anibonanga

Zibókwe-na kulendlela ?

(*Ngezw' elinzulu*) Itsh' ingqolosi :

Zibókwe-na kulendlela ?

(*Ngezwi elinzulu*) Itsh' ingqolosi :

Zibókwe-na kulendlela ?

Ngubanina lowo ?

Siqwála so-Nongadlela !

Ngatí ngu-Tshabo :

Siqwála so-Nongadlela !

Tshabel' emntwini :

Siqwála so-Nongadlela !

Umfo ka-Nantsi :

Siqwála so-Nongadlela !

Ema-Nantsini :

Siqwála so-Nongadlela !

Wazalw' emini :

Siqwála so-Nongadlela !

Kwada kwavuywa :

Siqwála so-Nongadlela !

Kwabingelelwa ;

Siqwála so-Nongadlela !

Kwaxélw' inkomo ;

Siqwála so-Nongadlela !
Kuzelw' unyana ;
Siqwála so-Nongadlela !
Kwatíyw' igama ;
Siqwála so-Nongadlela !
Kwat'wa ngu-Tshabo ;
Siqwála so-Nongadlela.
Tshabel' emntwini ;
Siqwála so-Nongadlela !
Kanti linxila ;
Siqwála so-Nongadlela !
Nxila legeza ;
Siqwála so-Nongadlela !!!

UMQULU II



“ U-KÁWULEZIS’ AMAXESHA ”

VUKANI kusile, Magwalandini !

Vukani kusile, Magwalandini !

Yabinz’ inkwenkwezi isixelela,—

Latét’ ixilongo lisibizela,—

“ Sibe kuninik’ ubukumkani,

Nabushunqula.

Sibe kuninik’ intetó,

Nayishunqula.

Sibe kuninik’ umhlaba,

Nawushunqula.

Sibe kuninik’ imfundo,

Nayishunqula.

Sininike ntonin’ ezwen’ apá ?

Sininike ntonin’ emhlaben’ apá ?

Aninike ntonin’ u-Tíxo nonyaka nje ?

Kub’ iyegqit’ i-Vili Yaké—

U-Káulezis’-Amaxesh’ igama layo !

Azi bantu banin’ aba, banj’ inkani
zabo ?

Azi bantu banin’ aba, banj’ ipike
labo ? ”

Ndiyakuhlala ndinani pína, ndingumntu
nje ?

Ndingumntu nje, int' ehlal' ihlal' iha-
mbéle !

Ndingumntu nje, int' ehlal' ihlal' ifu-
duke !

Ndingumntu nje, int' ehlal' ihlal' igo-
duke !!!

UKUFA NOKUTWÁSA KOMNYAKA

U-1924 no-1925

1 NGUBANIN' ongevang' ukuba

Udlul' u-1924 ?

Ngubanin' ongevang' ukuba

Utwásil' u-1925 ?

Hambá kamnandi, 1924 !

Píla kakuhle, 1925 !

2 Kanen' utwásela nin' umnyaka lo—
 Kubant' abangazi kwaká nto ?
 Kanen' udlulela nin' umnyaka lo—
 Kubant' abangazi kudiliza lutó ?

3 Kánitsho ke, zinkokeli ;
 Sebeké baxelelwa n' abantu ?
 Batí ke yintonin' ukutwása komnya-
 ka ?
 Batí ke yintonina lent' umnyaka ngo-
 kwayo.
 Yint' ap' ehlala pína yakutwása ?
 Iz' ití yakufa iye pína ?
 Azi yintonina lent' ingumnyaka ?

4 Sit' utwásil' u-1925—
 Oludaba luxeleni ebantwini,
 Oludaba lubiken' esizweni,
 Nit' uluntu maluvuke, kusile.
 Kode kutwás' onjanin' umnyaka ?
 Mna, mkónzi wenu ndisapíla,—
 Isapílil' Imbóngi ye-Sizwe !

5 A ! Ngangomhlaba ! A ! Jong' ilizwe !
 A ! Zilindlovu ! A ! Jong' intaba !
 A ! Mangala ! A ! Victor P. ka Nda-
 mase !

A ! Mnyango ! A ! Pákamile !
 A ! Gudlwayinyanda ! A ! Ndiyalwa !
 A ! Solomon ka-Dinizulu !
 A ! Sobúza ka-Ngwane !
 A ! Sekgoma ka-Khama !
 A ! Grifisi ka-Ludziya !
 A ! Ngangelizwe ka-Kama
 A ! Mpondombíni !
 A ! Songo ! A ! Ndabemfene !
 A ! Dabulamanzi ka-Zibi !

6 Bayeténi, bahlekazi !
 Nina bagazi lidliwayo !
 Bayeténi, zindlovu !
 Bayeténi, zingonyama !
 Maramncw' ehlati, Bayeténi !
 Ayanixelela n^x amapákati,
 Ziyanixelelan' ezizinto zenu,
 Ezi nizityis' umhla nezolo,

Ziyanixelela n' apó kukóna,—
Ziyatshon' ukutí, “ Izolo bekuyizolo,
Ngoko kungoko, ngoku kungoku ? ”

7 A ! Makósikazi !

Bafazi benkosi nabafundisi !

Hayi, int' inzim', ukupát' isizwe !

Hayi, int' inzim', ukusitwál' emhlana !

Bótani, ndiyabulisa !

Twálani, kuza kulunga !

Mna, Mlindi, sendibon' izinto.

Ivili ka-Tíx' iyaqúba.

Oloyi, maqobokazana !

Oloyi, makósazana !

Oloyi, zintwanazana !

Oloyi mahotyazana !

Oloyi, bantakama !

Utwásela nin' umnyaka lo,

Kanti nj' akuzi kwenziwa nto ?

8 Mayigqibe ngemibuliso

Imbóngi yakowenu.

Nasakuyilibal' ivili ka-Tíxo,

U-“ Káulezis'-Amaxesh', ” igama layo.

Nditúnyiwe ukuba ndiyiyaleze ;
 Ngokwenjenje ke ndiyayishumayela.
 Ndití, “ Lindani, inkul’ int’ ezayo ; ”
 Ndití, “ Vukani, ixesha lenu lifikile.
 Lo 1924 udlul’ etétile !
 Lo 1925 uza nezigigaba ! ! ”

NCINCILILI !

UMBONGO WE-KRESIMESI

- 1 YABINZ’ inkwenkwezi, itétá kutétá !
 Yabinz’ inkwenkwezi, inqín’ elidala !
 Yavakal’ intsholo yabase-Nyangweni
 Ngendumas’ enkulu eviw’ emhlabeni,
 Kuzelwe namhlanje imbanyar’ enkulu
 Umpáti zitshixo zomhlaba nezulu.
- 2 Hoyi, bemi bomhlaba ! Hoyi, bemi
 bomhlaba !
 Nipóngome ngani, ligwetyiw’ ityala ?
 Ngubanin’ ongevang’ izwi lesigodlo ?
 Ngubanin’ ongevang’ izwi lexilongo ?

Utétíl' entlang' umfo ka-Zekariya ;
“ Yilungisen' indlel', ahamb' u-Me-
siya.”

3 Ityumkil' intloko yalonyok' inkulu,
Liqáqíw' itywin' elatyinwa kwamzu-
zu ;

Kuvulek' indlela kwilwandl' ezibomvu,
Bonke otíxwana namhla babuvuvu.
Waleté, Kumkani ! Siyidle luhlaza,
Inzala yenyoka siyenze impanza.

4 Sivule, Kumkani, siy' ezilalini,
Ezilokishini, ezitolosheni ;
Kulapó bakón' abazalwana betú,
Kulapó ikóna imfesane yetú,
Singa ngabavisa, baluve ngendlela
Udab' olumnandi silushumayela.

5 Izwe ligqibele ngu-Belizabúbé.
Zivusele naw' int' ezingenadumbé.
Kuk' imipéfumlo emayisindiswe,
Kuk' imipéfumlo emayihlangulwe,

Ezelwe nj' u-Nyana, namhla masivulwe,
 Izelwe nj' i-Nkosi, namhla masifunzwe.

6 Bobiza njanina, bengakólwanga nje ?
 Bokólwa njanina, bengakuvanga nje ?
 Botínin' ukuva, bengaviswanga nje ?
 Botínin' ukulwa, bengafunzwanga nje ?
 Iding' elidala namhla ligqityiwe.
 Bayeté, Kumkani ! Waleté ! Waleté !!!

A ! MHLEKAZ' OMHLE !

Ngako oko iyakuninika umqondiso ngokwayo i-Nkosi :
 Uyabona intombi le iyakumitá, izale Unyana imtlye
 igama elingu-Imanuweli. —YESAYA vii. 14.

1 BAYETÉ, Kumkani !
 Tóle lentombi yakwa-Juda,
 Wena, Sonini-nanini ;
 Wena, Mahlaba-zihlangana ;
 Wena, Jay' Omkúlu wezihlwele ;

Nqín' izingel' imipéfumlo,
Zibel' imihlamb' eyalanayo ;
Lung' elikúlu lakulo-Mazulu.

2 Bayeté, Kumkani !

Wena, Mehl' anje ngesibane ;
Wena, Tsháwe lama-Tsháwe ;
Wena, Sinunza-nunza sesinunzela ;
Wena, Mhle ngokwe-Nyanga ;
Wena, Kwézi lo-Mso ;
Wena, Liwa la-Pákade ;
Wena, Nyana Wose-Nyangweni.

3 Bayeté, Kumkani !

Bayeté, Nyana ka-Davide !
Wena, Xwáne le-Xwáne ;
Wena, Gqira lase-Sebáyoti ;
Wena, Mang' angalanywa ;
Wena, Nqaba ye-Nyaniso ;
Wena, Kaka le-Nyaniso ;
Wena, Ngonyama yesi-Xeko sakwa-
Juda.

4 Bayeté, Kumkani !

Asinalizwi namhla,
Asinamtétó nabuciko ;
Som' umlomo sizidanele,
Kuba sakunikel' umva,
Wena, Nkulu Yeminyanya ;
Yasinikel' umva ngoko,
Neminyanya yamawetú.

5 Bayeté, Kumkani !

Sití buya ne-Afrika,
Kunye nonyana nentombi zayo ;
Buya nendyebo zayo zamzuzu ;
Buya nempilo nengqondo yayo ;
Buya namandla nolomelelo "
Buya nobunye bama-Afrika,—
Sitsho Kuwe, Nkulu Yeminyanya

6 Bayeté, Kumkani !

Bayeté, Imanyuweli !
Wakúmbul' ama-Afrika,—
Mini wabalekel' e-Jeputa.

Wakúmbul' ama Afrika—
Mini sakutwálel' umnqamlezo.
Namhl' inxwalek' inatí,
Namhl' amandla anga-Kuwe.

7 Bayeté, Kumkani !
Bayeté, Lusingasinga lwakwa-Tixo !
Dolo-hle, Wen' ungase-Kunene,
Maze namhla ukángel' izifombó ;
Ukángel' abanezivubeko
Zokutwála nzima pántsi koviko.
Maz' ukángel' izilima zakowetú,
Ukángel' iziqwála nemfama.

8 Bayeté, Kumkani !
Nal' utsháb', u-Satána,
Lusicítácítá.
Namhl' ufika nje ke,
Sipátél' isirweqe ;
Simlwe simgxoté
Pákatí kohlanga.
Buya ne-Afrika, Mhlekaazi.

- 9 Bayeté, Kumkani !
 Itsh' imidondosholo—
 Itsh' imidak' emnyama,
 Lutsh' usapó luka-Ntu,
 Batsh' abakwa-Mtétó ka-Mtétó.
 Batsh' abakónzi bakó—
 Watyap' ufike, Bawo !
 Watyap' ufike, Somandla !

A ! SONINI NANINI !!!

“Ilitye elo libetileyo emfanekisweni, laba yintaba enkulu, lazalisa umhlaba wonke.”—DAN. ii. 35.

NGEXESHA-ELI le-Kresmesi, ndihlaba umkósi esizweni sakowetú ; ndití masi-káulele lo Kumkani uzayo,—

U-Simakade, igama laké !
 U-Napákade ka-Napákade ;
 U Sonini-nanini ;
 U-Sifuba-sibanzi ;
 Ingonyama yeza kwa-Juda !

Kutiwa nga-Ye :—

“ Uya kumis’ ubukumkani
Obungayikuze bonakale ;
Buya kuzicola buzigqibe
Zonk’ eziny’ izikumkani,—
Bume bon’ u-Napákade ! ”

- 1 Ndiwuhlaba kumadodana :
Zimkile, magwalandini !
Ndiwuhlaba nakumtínjana,
Ndití : Maqobokazana !
Ndiwuhlaba emadodeni,
Ndití : Nants’ i-Nkosi yenu !
Nakuni, makósikazi,
Ndití : Intomb’ ipét’ u-Mntwana !
Haleluya-a-a !
Haleluya-a-a ! !

- 2 Izwe lakwa-Zebuloni,
Nezwe lakwa-Nefatali,
Afikelwe kukukánya !
Izwe lasema-Xóseni,

Nelasentla kwelase-Mbó.

Afikelwe kukukánya !

Betan' ingoma zodumo,—

Nizivutél' izigodlo

Haleluya-a-a !

Haleluya-a-a !!

3 Elu-Sutú nakwa-Zulu,

Kuba-Tshwana nama-Swazi,

Kuvelile ukukánya !

Kwizwe lakwa-Mzilikazi,

Kwizwe lakwa-Lewanika,

Kuvelile ukukánya !

Buroleni ubuhlalu,—

Netyeleba nomtómbotí.

Haleluya-a-a !

Haleluya-a-a !!

4 Nank' esiza ! Nank' esiza !

Nank' esiz' u-Manyuweli !!

Pákamani nimkáulele !

Pákamani nimbulise !

Namhl' akezi ngabutshaba !

Uza kut' epét' uxolo !

Uz' ezele bububele :—

Bikelanan' ezondaba !

Haleluya-a-a !

Haleluya-a-a !!

5 Zibetiw' izikumkani,

Wazicola zalutúli,—

U-Mhl' u-Magob' egungxula.

Kangelani eli Litye,

Lacekiswayo ngabakí ;

Nali namhla liguguma,

Lilongamel' ihlabatí.

A ! Mhlekaazi ! Nzwan' enkulu !

Haleluya-a-a !

Haleluya-a-a !!

6 Lambátís' elakowetú,—

Mhlekaz' Omhle, lambátíse !

Litáté libe lelakó,—

Nenkolelo nezitété,

Sifake pántsi kwepíko,
 Sikwelokuzinikela ;
 Tát' indawo zeminyanya,
 Kunye nemilondekaya.

Haleluya-a-a !

Haleluya-a-a !!!

UMHOBE KA-NTU

- 1 Nkosi, sikelel' i-Afrika,
 Malupákam' upóndo lwayo,
 Yiva nemitándazo yetú—
 Usikelele, usikelele.

Chorus : Yihla Moya, yihla Moya,
 Yihla Moya Oyingcwele.

- 2 Sikelela i-Nkosi zetú,
 Zimkúmbúle u-Mdali wazo,
 Zimoyiké zezimhlonele,
 Uzisikelele,
 Uzisikelele.

- 3 Sikelel' amadoda esizwe,
Sikelela kwa nomlisela,
Ulitwále ilizwe ngomonde
Uwasikelele, uwusikelele
- 4 Sikelel' amakósikazi,
Nawo onke amanenekazi,
Pákamisa wonke umtinjana
Uwasikelele, uwusikelele.
- 5 Sikelela abafundisi
Bemvaba zonke zelilizwe,
Ubatwése ngomoya wakó,
Ubasikelele, Ubasikelele.
- 6 Sikelel' ulimo nemfuyo,
Gxotá zonke indlala nezifo,
Zalisa ilizwe ngempilo,
Ulisikelele, Ulisikelele.
- 7 Sikelel' amalinga etú,
Awomanyano nokuzaká,
Awemfundo nemvisiswano,
Uwasikelele, Uwasikelele.

8 Nkosi, sikelel' i-Afrika,
Cima bonke ubugwenxa bayo,
Nezigqitó, nezono zayo,
Uyisikelele, Uyisikelele.

UMKÓSI WEMI-DAKA

“ *Ndim, Musan' Ukoyika* ”

Lento umntu ayifi kukwenzeka kwento engayitandi. Sendibona sekuleli xapêshu kulilo nje, lokuwela ukuya e-Fransi; asikuko nokuba bendingazi ukuba kungaba nje. Kodwa xa ke inkosi zigqibileyo zona-kuba abantu abangabenkosi—ngubanina ongabuye ati kwétékwété, kwaze kwati bekutêni, kwatini?

Nditê kanjalo njengekolwa lika-Kristu, ndakumbûla ukuba kânene, nokuba lento ibiseyimnyama ngokwetunzi lokufa, Yena uyakuyiguqula ikázimle nangapézu kwelanga.

Ngako oko ke :

1 Awu ! Ewe, kambé siyabulela !

Lakut' ikokwetú lisicinge,
Ngokuya kusebenz' emazibukweni,
Ngexesha lalo lokuxakeka.

2 Besingobanina tina bomtina,
Ukuba singanced' u-Kumkani we-
Britani—

Ingangalal' engatshonelwa langa,
Int' elaula umhlaba nolwandle ?
Kungoku nesibákabák' isinxámele.

3 Niyeva ke, madodana, nipákamile !
Isizwe senu sisemqulwini wezizwe.
'Ze niguye ze niqambe :
Nenjenje—nenjenje !
Nenjenje—nenjenjeya !

4 Xa nitúl' umtwálo wenqanawa,
Zenice, ninganqeni ;
Az' omny' avele ngapá, omny' avele
ngapá,
Omny' atí kú ngapá, omnye ngapá,
Ewe, *man*, niyisike ití tyu.
Xa nitúl' intsimbi, *man*,
Zeniyibambé ngengal' ezingenamkí-
nqi,
Nime ngemilenze engenankantsi, *man*,
Niyití hlasi, niyenjenje ;
Nití ho-ha-heje-e-e !
Le'mgo !—whá-a-a !

5 Maze xa nitúl' idamaneti,
Nokuba yifyose neruluwa,
Nokuba yigesi nesalfure,
Nokuba yiyipín' int' enomlilo,
Niyití cu ngobunono,
Ukuz' ingabi nangozi ;
It' ukuba omnye ité yamluma,
Yampálalela, yamtínina,
Nisuke nimyaleze koyise,
Ngenkonz' epákame kunene :
Nenjenje—nenjenje !
Nenjenje—nenjenjeya !

6 Maze nimbambé u-Keyzare, nize
naye,
Ipéle lemfazwe ngepányazo ;
Sizokudla no-Keyzare indaba,
Simbalisel' umhla wase-Sandlwana,
Simbalisel' umhla wase-Thaba Ntshu,
Simbalisel umhla wase-Mtóntsi,
Simbalisel' umhla wase-Gwadana.
Nit' ukuya kumbambá niye ngobulu-
mko.

Niqél' ukubamb' ingonyam' ihleli ;
Nenjenje—nenjenje !
Nenjenje—nenjenjeya !

7 Maze nimgcin' u-Zepelin pézulu,
At' akupós' umlilo nimpósele nge-
zulu ;
At' akutób' ityéfu, nitób' umgubo
ka-Pézulu !

At' akwenza ngegesi, nenze ngenyosi ;
At' akuxakeka—akuxakeka !
Akuxakeka—akuxakeka !
Nimvele ngapá, nimvele ngapá !
Nenjenje ukumqáula, nimraqe,—
Nenjenje—nenjenje—nenjenjeya !

8 Maze nibe neliso ku-Von Hindonbere :
Yimfene leyo, zenize niyikwéle.

9 Kubizwe nina nje, kubizw' aboku-
gqibela,
Ihlaz' enilenzileyo zeningezi nalo ;
Ubugwal' enibenzileyo ningabuyi na-
bo.

Zeniyidumis' i-Afrika ezizweni ;
 Nizidumis' inkosi zenu kanjalo.
 Azifananga zanikúpá ; ziyazidla nga-
 ni.

Zeniwutóbel' umtétó nommiselo.
 Wakuw' umtétó zenenjenje,—
 Nenenjenje—nenjenje ! Nenenjeya !

- 10 Zeniyidumis' i-Afrika ngoburoti,
 Zeniyidumis i-Afrika ngamandla,
 Zeniyidumis' i-Afrika ngokuvisisana,
 Niyidumis' i-Afrika ngempilo,
 Ngobukáli beliso nobendlebe.
 Ngokuzinza kwengqondo nobucó-
 pó,—
 Ngokutétá, nokuhamba, nokwenza,—
 Tyínile ! Nisuke nenenjenje—nenjenje !
 Nenenjenje—nenjenjeya !

- 11 Hambáni ke, bafondini, niye e-Fransi,
 Nikúmbul' indlala eniyishiy' ema-
 káya.
 Izihendo zo-Ngendawo zenizoyise,

Kuba nilapó nje, namhla nibingiwe ;
Sinenz' idini lesizwe sika-Ntu.

Hambáni, matól' o-Nyongande kudle-
lana ;

Hambáni, matól' emaz' ezimabele
made ;

Hambáni, kuba lento tina sesiyibo-
nile ;

U-Tíxo wakowetú seleyijikele nga-
pámbíli.

Hambáni ngemilenz' engenamkinqi ;

Hambani ngentliziyo ezingena-dyu-
dyu ;

Ngomzimb' okápúkápú, ngomzimb'
ongenantaka,—

Nití gxanya, gxanya, gxanya, gxa-
nya !

Niti ngxixi—ngxixi, ngxixi !

Niti ngxixi—ngxixi—ngxixilili !!!

UKUTSHÓNA KUKA-MENDI

- 1 EWE, lento kakade yinto yalonto.
 Tina, nto zaziyo, asotúkanga nto ;
 Sibona kamhlopé, sití bekumelwe ;
 Sitét' engqondweni, sití kufanelwe ;
 Xa bekungenjalo bekungayi kulunga.
 Ngoko ke, " So-Tase ! " kwaqal' uku-
 lunga !
 Lenqanaw', u-Mendi, namhla yendi-
 sile,
 Nal' igazi letú lisikónzisile !

- 2 Asinitúmanga ngazo izicengo ;
 Asiniténganga ngayo imibengo ;
 Bekungenganzuzo zimakwézikwézi,
 Bekungengandyebo zingangenkwe-
 nkwezi.
 Sikwatsho nakuni, bafel' e-Afrika,
 Kwelase-Jamani yase-Mpumalanga,
 Nelase-Jamani yase-Ntshonalanga.
 Bekungembék' eninayo ku-Kumkani,
 Bekungentobeko yenu kwi-Britani.

- 3 Mhla nashiy' ikáya sitétile nani,
Mhla nashiy' intsapó salatíle kuni,
Mhla sabamb' izandla, mhla kwamanz'
amehlo,
Mhla balil' onyoko, banqúrulek' oyihlo,
Mhla nazishiy' ezintaba zakowenu,
Nayinikel' imiv' imilamb' ezwe lenu—
Asitshongo-na kuni, midak' akowetú,
Ukutí “ Kwelozwe nilidini letú ? ”
- 4 Ngesibinge ngantonina ke kade ?
Idini lomzi liyintonina ke kade ?
Asingamatól' amaduna omzi-na ?
Asi zizitándwa zesizwe kade-na ?
Ngoku kutétá ke siyendelisela,
Sibékis' ezantsi, sihlahla indlela.
Asingu-Habéli-na idini lomhlaba ?
Asingu-Mesiya-na elasezulwini ?
- 5 Tútúzelekani ngoko, zinkedama !
Tútúzelekani ngoko, bafazana !
Kuf' omnye kade mini kwakíw' omnye ;

Kukónza mnye kade 'ze kupíl' abanye ;

Ngalamazwi sití, tútúzelekani,—

Ngokwenjenje kwetú sití, yakékani.

Litáténi eliqálo labadala,

Kuba batí: “ Akuhlanga lungehlanga ! ”

6 Awu ! Zaf' int' ezinkulu ze-Afrika !

Isindiwe lenqanawa, 'de yazika,

Kwaf' amakálipa, amafa-nankosi,

Agazi litétá kwi-Nkosi ye-Nkosi.

Ukufa kwawo kunomvuzo nomvuka.

Ndinga ndingema nawo ngomhla wovuko,

Ndingqambe njengomnye osebenzileyo,

Ndikánye njengom-So oqaqambíleyo.

Makubenjalo !

EMAKÁYENI ! EMAKÁYENI !

1 EMAKÁYENI ! Emakáyeni ! Emaká-
yeni !

Kudala sisebenza ezinzulwini zomhla-
ba,

Sisimb' igolide namaty' edayimani,
Ezants' emgodini ezimbánjen' zomhla-
ba ;

Namhla ke sifezile. Emakáyeni ! Ema-
káyeni !

2 Hay' ubumnandi bekáya, xa usekaya
kanye,

Xa sihamb' emahlatíni kumahlat' ako-
wetú,

Xa sipúma inqína, sibuya nempu-
nzi ;

Sipózis' imizimba, kwimilambó yako-
wetú.

Hiji ! Púlapúla ! Emakáyeni ! Ema-
káyeni !

3 Sekuzintsuku, makowetú, salishiyayo
ikáya,

Masibuyel' ekáya, siyokondl' ozintsa-
pó :

Sibukel' inkomo zipúm' intlazane,
Kwakunye nabafazi bevun' amazi-
mba.

Hiji ! Kawuve ! Emakáyeni ! Ema-
kayeni !

4 Masikondel' ukubinza, ukubinza kwe-
nkwenkwezi,

Sisenz' izikáli kwakunye nemikónto,
Sisenz' amabali, amabali ezizwe,

Kubalw' amadabi, amadabi ezizwe,
Kukánkanyw' amadoda, amadoda ega-
zi ;

Nezenzo zobugora zemihla 'mandulo.

Huntshu ! Hiji ke ! Emakáyeni !
Emakayeni !

P. E. NGXIKI.

I-TYŪME—I

- 1 NDINANTLAMB' itánde kayo,
Inamanz' abale kayo,
Akamnandi—sisimanga,
Enjalonje akeva langa.
Yintlambo entle, mfo kabawo,
Ungaz' utsho xa zinayo,
Xa kugqum' ezongxangxasi,
Ilizwe lizele ngamasi.

- 2 Yintlamb' entl' ekwa nentili,
Eziziba zinentini ;
Ezontili azicúmi,—
Yabona ! akungepúmi ;
Zingacúmi kutya kodwa ;
Azityebe mití yodwa ;
Kukwa kokwabo bemfundo,
Ongafund' upúm' ufundo.

- 3 Ezontili zijikolo
Zizaliswe zizikolo ;
Apó singafunda konke
Okufunwa sití sonke.

Lentlanjana ke li-Tyúme,—
Mfo, So-Tase ! ungatsh' ume !
Xa uva imbáli zayo,—
Zamanyang' abemi bayo.

4 Xa kubalisw' ezemfazwe,
Zokungenwa kwelolizwe !
Amadabi namaduli
Awenzeka kwezonduli !
Xa kubaliswa ngo-Soga !
Sekutétwá nango-Soha !
O-Xáyimpi, no-Mabombó !
Amagor' akulo-Mbombó !

5 Yinile, shenxa, mfondini !
Ndisuke ndive sendimi !
Wakuvus' ezakudala,—
Bupéle kum nobudala !
Namhlanje sikweny' indima,
Itshatshelé ngesidima ;
Yeye-Lizwi kwa ne-Mfundo,—
Yokucaca nempucuko.

- 6 I-Tyúme likwa gqwesile,
Nakuleyo loyisile ;
Ilizwe lijong' e-Dikeni,—
E-Tyúme emtónyameni.
Batsh' e-Gwal' abafundisi ;
Batsh'e-Ncer' abafundisi ;
Batsh' ukungena ko-Gaga,—
Kwezontili zinendada.
- 7 Watsits' umtómbó we-Lizwi,
Namapahloti e-Lizwi ;
Watsaz' umtómbó we-Mfundo,—
Namahlakani e-Mfundo.
Aza ke awona maza,
Lonk' ilizwe alizaza ;
I-Koleji ne-Lavdeli ;—
Agubungel' elizweni.
- 8 Eli Tyúme ! Eli Tyúme !
Noko singesike sime,—
Sinqumame 'ké sicinge,—
Ukuz' izinto zilunge.

Kwakubonwe ntonin' apá,—
Ngamanyang' abemi apá ?
Azingqondi zakowetú,
Kwa nenkosi zezwe letú ?

9 Babelwela ntonin' apá,
Namatámb' abo alapá,—
Lalingaka nje ilizwe,
Bezoyisile nezizwe ?
Eli Tyúme ! Eli Tyúme !
Lasinceda kobu bume,
Alikasivis' izinto,—
Ndit' iseza eyona nto.

10 Mandikuyeke ke uhambé,
Ntlanjan' entle ngokwehobe ;
Hamb' uhambe us' ingxelo,
I-Xesi lolul' ingalo.
Lití yiyani elwandle,
Nis' umnikelo nilondle,
Ulwandle lusipé imvula,
Sity' imiti sakugula.

- 11 Lusip' impepó yentabá,
 Sincokolelan' indaba ;
 Lusip' uhlaza lwenkomo,
 Int' eyenza isihomo.
 Hambá, Tyúme lakowetú !
 Kad' usondl' intsapó zetú !
 Liyabulel' izwe letú,
 Kwa nabantu bakowetú !

I-TYÚME—II

- 1 AKUNGUY' omncinanana
 Pákatí kwemilanjana,
 Tyúme ndini linomgqumo,
 Tyume ndini linodumo.
- 2 Watémbéka kwizidenge
 Ezipíla zizidende,
 Wazisez' amanz' entaba
 Namhla ngenqína yentaka.

- 3 Wapílis' inkomo zazo,
Wazondla nentsapó zazo,
Ngamanz' ayole kanye,
Nangobisi olungcwele.
- 4 Amanz' ak' apúm' elwandle,
Abuyele kwaselwandle
Nanyakana ayintsintsi,
Akuze ushinte tóntsi.
- 5 Ezontaba ziyanqína
Ama-Xósa ayanqína
Tyúme ndin', utémbékile
Tyúme ndin', ukólekile.
- 6 Namhl' imini zijikile,
Namhl' ubudenge bumkile.
Namhl' ungqongwe zizilumko,
Wondla ezemfund' intsapó.
- 7 Tyúme ndini ! Tyúme ndini !
Ndipélelwe nazintlani,
Napákati kwezi zizwe,
Kungasa nditétá ngawe !

- 8 Kuba ndizalelwe kóna,
Ubaw' uzalelwe kóna,
U Ma'w'kúlu ngowakóna,
Ekwa yinzala yakóna.
- 9 Mabatété ngemi-Báshe,
Abenzala yasem-Báshe,
Bamemeze ngo-Tsukela,
Abo baselu-Tsukela.
- 10 Ndomemeza mna nge-Tyúme
Nakubupína ubume,
Ndimnqul' u-Tíxo wakkwetú,
Ndikumlambó wakkwetú.
- 11 Ngena, Gwali, ngotélelo
Kulongxingwa yomelelo.
Ngena, Ncera, ngena, Rwarwa,
Ngena, Gubura no-Gaga.
- 12 Nonke ngenani, zintlambó,
I-Tyúme 'de libe ngumlambó.
Liyabusa kwawe-Xesi,
Lifundisa ama-Ngesi.

- 13 Lifundisa izizwana
Indlela yokukónzana,
Kukugoba pántsi komnye,
Kubu-Kumkani obunye.
- 14 Mazingene zonk' intlambó,
Mazomeleze lomlambo :
Umkonzile u-Tíxo wawo,
Ngokusez' abantu baké.
- 15 Lakudlul' eli pákade,
Xa sekungunapákade,
I-Tyúme liyakongama
Kwizizw' ezinamagama.
- 16 Hambá ke, mlambó ka-Pálo,
Sitsho tína baka-Tshiwo.
Hambá njal' uqukuqela,
Sitsho ke sikunqulela.
- 17 Ngamana kwatí pámbíli,
Xa izizwe zizindidi,
Ndibe mna kumtómb' we-Tyúme
Ndineyam' i-Kerubíme.

- 18 Andifuni Joredane,
Ndingafuni na-Pishone.
Nondixolela, zikúlu,
Eli Tyúme kum likúlu.
- 19 Mandiyeke, mandipéze,
Hlez' umz' ud' ungxwabaze,
Ud' uvukwe ngamagunya :
Ngako ke ndiyatshonela.

ISIMEMEZO SIKA-SOMGXADA

[Fan' ukuba akukò ongaziyo ukuba u-Somgxada waye-
ngu-Rev. Dr. Stewart, owasongamela isinala sase-Dikeni
iminyaka epántse ukuba ngamashumi amane,—indoda
eyalwela infundo namanye amalungelo aba-Ntsundu beli
lizwe ngoburoti nangobulumko.]

- 1 UYAMEMEZ' u-Somgxada,
Kanipúme níf gqada,
Nanko emi kula nduli,
Ulindel' abapenduli.

Chorus : Utí, “ Baye pín’ abantu bale-
ndawo ? ”

Utí, “ Baye pin’ abantu bale-
ndawo ?

“ Nditsh’ egameni labafundisi
bonke

“ Bamahlelo akwelama-Xósa
lonke ;

“ Ndimi apá nje ke ndingu-
Ndimangele

“ Eli langa nezi ntaba zima-
mele ! ”

2 Uyamemez’ u-Somgxada,
Utsho kuwe nonomgada,
Nanko ku-Qelekequshe,
Emelene no-Gqumahashe.

3 Ut’ ehambá wab’ etétá,
Wat’ ehleli wab’ etétá,
Esebenza wab’ etétá,
’De wagula esatétá.

- 4 Ude wafa esabuza,
Nanamhlanje uyabuza ;
Aniwuva-n' umtyangampo,
Ngelizwi elimpongampo ?
- 5 Ngelencwátyelwe kowabo,
Az' avuke namawabo ;
Kulok' ulindel' ilizwi
Kuni madod' anelizwi.
- 6 Eli Tyúm' alinamntu-na ?
Lo Gaga akamiwe-na ?
Ngase-Ncera batínina ?
Gqumahashe, wen' upína ?
- 7 Lombuzo ngumbuz' omdala,
Kad' ubuzwa ngabadala,
Kwa kwabanye bakudala ;
Ngowenzala yakwanzala.
- 8 Babesití ngezomini !
“ Nang' umhlaba, sondelani ;
“ Nanz' izindlu, sondelani ;
“ Namasimi, sondelani.

9 “ Sondelani kwinto zenu ;
“ Zinikwe zinkosi zenu ;
“ Pákatí kwelizwe lenu ;
“ Soba ngabancedi benu.

10 “ Buyelan’ amafa enu !
“ Tábatán’ imfundo yenu !
“ Sitsho tína, bafundisi ;
“ Kunjalonje ngomzingisi.

11 “ Sitsho tína, bafundisi ;
“ Kunjalonje ngomzingisi,
“ Sitsho noko sesifile, ,
“ Sitétá sesibúbíle.”

12 Uyamemez’ u-Somgxada,
Kode kuve nonomgada ;
Umi ku-Qelekequshe,
Kwintab’ akulo-Dondashe.

ILITYE LESIKÚMBUZO

lika-JOHN A. BENNIE, *wase*-LOVEDALE

Lo ugama lingasentla ngunyana womfundisi u-John Bennie, omdala ; yena nguyise we Chief Inspector. Lomfo e-Lovedale pámbi kokuba kufike u-Mr. Geddes omdala, wayepété ubutitshala, nobondli bebutó (Boarding Master), ekwa ngumfundisi wolimo. Koko ngelishwa amadodana ezomini alucekisa ulimo, akaluqonda ukuba luyimfuneko enkulu, njengoko sibonayo namhla. Inkosikazi yaké, esekóyo yona nanamhla, yintombi ka-Rev. Wm. Ashton, omnye wabafundisi bokuqala e-Bechuanaland (kwelaba Hlambéli), yaba ngumncedisikazi waké omkulu kwade kwasa ekufeni. Umfo wakwa-Ngqika, Mr. Wm. W. Gqoba, owayekó ukusweleka kwalompákati ngolwesi-8, June, 1885, xa aminyaka ima-45, akawuhlanganisi umlomo lusizi olwaba kóyo emzini omnyama nomhlopé.

Wade wahlabela umhobe owenjenje :—

- 1 LIWILE ! Liwile ! eliny' itwála-ndwe
Lalomz' uli-Dike, lomz' uyi-Lovedale ;
Lishiye intsizi, kwintlang' ezininzi,—
Omhlopé, nontsundu, balila igidi.
- 2 Balila betétá ngezenzw' ab' ezenza,
Bepinda amazwi akad' ewatétá ;
Ufele kwalapó wazalelwa kóna,
Uncwátywe kwalapó wafundiswa kóna.

3 Kumzi lo unt sundu kucútywe ukóko
 Lwamhlana wafelwa ngu-Béne omdala,
 Oyena waseka amaty' okuqala
 Alomz' uyi-Lovedale, uyise ka mfi lo.

4 Balila betétá abantu bakayise,
 Kuba, nje ngezolo, bebe zijejane.
 Kulilelw' intombí enkulu ka-Béne,
 Ebúbé kwalapá kulomzi we-Dike.

5 Seso simbónono sosizi lwentsizi,
 Kwindlodlo ngendlodlo, kwindwayi
 ngendwayi
 Zentlanga ngentlanga; zitshelwe sicéko
 Nje ngezabonkolo, nanje ngemizoko,

6 Zishiywe nguyise wendlela-ngendlela ;
 Umondli ngelizwi, umncedi ngenyama.

* * * * *

7 Lovedale, Lovedale, sivelana nawe
 Ngendaw' ekúhlele, inxeba lendele ;
 Zisul' inyembézi—kwanani, zihlobo,
 Kwanani, zindlodlo zalow' umkileyo :

- 8 Uhleli, ulel' ubutóngo, upúmle,
Ulinde uvuko lwabo bafileyo,
Belinde ngetémba, belinde ngenkolo ;
Uxámbla uyolo, noxolo lomxélo.
- 9 Uhleli ekáya, kulo ngqungqutéla
Yengcobo engcwele, wonwab' isima-
nga ;
'Msebenzi waké usele, uyatétá,—
Izenzo, nentetó, ziyashumayela.

W. W. GQOBA.

MNTWANANA

- 1 TÉMBA lika-yise,
Vuyo luka-nina,
Nkazimlo ka-yise
Tándo luka-nina
Lunguwe, mntwanana.

2 Isazulu, apó
Kuhlangana kóna
Ntliziy' ezimbíni,
Ntliziy' abazali,
Singuwe, mntwanana.

3 Ntliziy' ezimbíni
Zifumen' intlalo
Emnandi ngokobusi ;
Imsulwa lontlalo ;
Ikuwe, mntwanana.

4 Inga ngubanina
Onokwaz' ubude,
Azi nobubanzi,
Bale mfihlakalo,
Inguwe, mntwanana ?

5 Sitómbó sobuntu,
Bubomi buqumbí ;
Kantí bonk' ubuntu
Bupélele kuwe,
Nyana wepákade.

- 6 Abazali bakó
Bema bakángela
Kulomehl' amsulwa,
Ngok' usingetwéyo—
Babona ntonina ?
- 7 Bazibona bona,
Beva bekúmbúla
Imin' ezemkayo,
Namatémba abo,
Atshábalalayo.
- 8 Awal' amatúba
Abawapósayo,
Izigqibo zabo,
Mpumelelo zabo
Kwimizamo yabo.
- 9 Luhl' uncumo lwakó ;
Lubasa umlilo,
Zoté intliziyo
Ezipólelweyo,
Zitútúzeleke.

- 10 Mahle amehl' akó
Kuba angcwengile ·
Azele lutándo,
Atyíl' intliziyo
Engenasazelo.
- 11 Sazelo singcwele,
Ntliziyo imhlopé,
Enj' ukululama,
Yofunyanwa pína,
Ngapandle komntwana.
- 12 Mntwana ! Lent' ubuhle
Bakó bobelanga—
Ungumtá walo-na ?
Wen' uhlambá ngalo ?
Wen' uyalotá-na ?
- 13 Mntwan', ugodukile,
Wonwabe ku-Yesu ;
Kulo ntlal' ingcwele
Uhlel' ukányiswa
Kukukánya Kwaké.

- 14 Mntwan' unesitsába
Soloyiso lwakó ;
Nawe uyacula
Elo culo litsha,
Livunywa zingwele.
- 15 Ngoku ndonwabile.
Bekuké kwamnyama,
Ngoku ndiqondile ;
Ndandiba ukufa
Kukutshabalala.
- 16 Hleli-nje ukufa
Kukubeka pantsi
Obu budlulayo—
Kukwamkel' ubomi
Obungapéliyo !

F. NOMVETE.

INQWELO KA-LIZWI

Ubukumkani bamazulu bufana negwele awalitaba-
táyo umfazi, walifihla ezilinganisweni zozitátù zomgubo,
wada wabiliswa upéla.—MATEYU xiii. 33.

Awu !!!

- 1 EWE kaloku kuyavakala,—
Kuyavakal' ukuhambá kwenqwelo—
Kwenqwelo ya-Komkúlu kwa-Lizwi ;
Kwa-Lizw' ingwangqaza yakuloma-
zulu ;
Indlov' enepángo yase-Ndulini,—
Int' eyakálim' e-Gologota, kwahlo-
kom' ilizwe.
Taruni, mabandl' o-Mnqamlezo,—
Haleluya-a-a ! Haleluya-a-a !
- 2 Iyagoqoz' inqwel' engqindilili,—
Ití : Golokoqo-goqo-goqo !
Ibet' e-Twecu mini yafika,
Yadla kuma-Ngqika nakuma-Gqunu-
kwebe.
Yati : Golokoqo-goqo-goqo-goqo !

Yadla kuba-Témbu nakuma-Gcaleka.
Wayibéxesh' oka-Sho kwezipámbili ;
Watét' oka-Elefu kwezilandelayo.
Taruni, mabandl' ase-Gologota,—
Haleluya-a-a ! Haleluya-a-a !

3 Yadla kwabase-Mbó, kwelika-Hintsa !
Zakál' izigodlo namaxilongo ;
Zakál' ingwali nemirube :
Wolul' ipík' elide u-Gabriyeli ;
Sev' ilizwi ngasemva lisití :
“ Nants' indlela, hambáni ngayo ! ”
Wavel' u-Hagile, watsho pákatí,
Watsho ngazwinye limpongampo !
Wavel' u-Lampulo, walitélela,—
Haleluya-a-a ! Haleluya-a-a !

4 Namhla iyadla kwelama-Mpondo,—
Kwelakwa-Faku, kwa-Ngqungqushé ;
Kwa-Tahle, kwa Hlambá-ngobubende,
Komkúlu kwa-Nyawuz' okad' akíle.
Ngade kupúm' “ Indaba Zovuy' ”
e-Zalu,—

Ngade kupúm' imfund' e-Mfundiswe-
ni,—

Ngade kuvel' inkosana ziqave,—
Zimzukis' u-Tíxo e-Qaukeni,
Zimzukis' u-Tíxo e-Nyandeni.

Haleluya-a-a ! Haleluya-a-a !

5 Hambá, Nqwelo yokulwa yakwa-Sira-
yeli ;

Mininz' imilwelwe kwelakwa-Báca,
Baninz' abafayo kuma-Xesibe,
Zininz' imfama neziqwála kwelako-
wetú,

Kub' elakowetú lisesesinyameni.

Hamba, Sifuba—lugangató !

Ndlov' ekumka kuhle kunemigudu !

Hambá, Makánda-matátú !

“ Ubukumkani Bakó mabufike.”

Haleluya-a-a ! Haleluya-a-a !!

SEBENZA !

- 1 NYANA wam ! sebenza,
Ubusuku buyeza.
Ntombi yam, sebenza,
Ubumnyama buyeza ;
Kuyakupél' ukukánya
Kupél' ukusebenza.
- 2 Umhla ongowakó,
Yile min' ikóyo :
Ingoms' asilakó,
Lilw' eli likóyo.
Ixa eli lelakó,
Ligole lingechemki.
- 3 Ngumbeté wobutsha,
Inkosi yamax' obom ;
Wen' ukweloxesha,—
Nqobo leyo yobom.
Sebenza ngelixesha,
Nxa kumpondo zankomo.

- 4 Kumpondo zankomo
Sebenza, nyana wam,
Zombiwa nenkomo
Ngamandl' akó, mfo wam.
Jong' empumelelweni,
Sebenzel' ukweyisa.
- 5 Yinzima umsebenzi,
Kodwa ulitámsanqa.
Yingxaki umsebenzi,
Kodwa ulitámsanqa.
Ngumxози wesimilo,
Ngumcwéli wesimilo.
- 6 Osebenzay' umntu
Ukwenkul' imbéko :
Nene, lowo ngumntu,
Imfanel' imbéko,
Kub' ufuz' u-Dal'-ubom,
Umlondoloji wobom.
- 7 Sebenzá ngamandla,
Zama ngenyameko ;
Sebenza ngezandla,

Sebenza ngentloko—
Ngumtétó wentlalo lonto,
Yindlela yozuko lonto.

8 Ubudala buyeza,
Nentswelo-matúba ;
Intswelo-mandl' iyeza,
Ngoku likw' itúba.
Kwakungen' ubudala,
Siqalil' isipélo.

9 Z' ufeze kakuhle,
Hambá ngomgaq' omhle ;
Indlebe zivule,
Umlomo wuvale.
Ndití, seka kakuhle :
Wogqiba ke ngobuhle.

F. NOMVETE.

I-KÁLA

[I-Kála eli ngumtí otándwa kunene zizinambuzane ezinje ngenyosi nenyoka ; liyatándwa kakúlu nangabantu abanengqondo. Andazi ukuba ezizinto zingavani nje, zivana ngantonina apá ekáleni. Ngako oko masilinike imbéko yalonto.]

1 Lomt' ikála uténina ?
 Lomt' ikála unjanina ?
 Lento uzintlobo-ntlobo,
 Ungenje ngamsobosobo.
 Unengcambú njengezomtí—
 Azirara nje bubutí !
 Zima nasexandekeni ;
 Zimfimfit' emxetúkeni.
 Wa, mtí Kála ! Wa, mtí Kála !
 Usixaki, wena Kála !

2 Isikóndo mbuntshuntshwana,
 Ungatézwa ngabantwana ;
 Asomile lúxwebetú !
 Sinengcando zenywebetú !
 Nje ngengcaba zenciniba.

Ezikude nenyibiba ;
Unjalo ke isikóndo,
Umnt' akangezuzi mkóndo.
Wa, mtí Kála ! Wa, mtí Kála !
Uyingxaki, wena Kála !

3 Akunasebe, mtí Kála !
Akunagqabi, mtí Kála !
Hai—O ! Ndaxoka, mtí Kála—
Kodwa unameva, Kála !
Amasebe la unawo ;
Namagqabi ukwanawo ;
Ezonto zindengendenge—
Angatsh' umnt' abesidenge.
Wa, mtí Kála ! Wa, mtí Kála !
Uyinkabi, wena Kála !

4 Gqabi, sebe, kuwe kunye,
Kwanameva ndaweni-nye,
Aroziswe ngokomkósi
Ozakulwela inkosi.
Incindi ! Asibobuhle !

Kodwa noko—yenza kuhle :

Nal' ilizwi livakala—

“ Yeka bubuhle ba-Kála ! ”

Wa, mtí Kála ! Wa, mtí Kála !

Uyindoda, wena Kála !

5 Kwale kwinzul' obusika,

X' ingqel' iman' ukusika,

X' imit' itsho yamkútúka—

Watsho ngentyantyamb' u-Kála !

Int' ebomvu ngokomkála !

Iwadele lomahlwantsi,

Neqabaka ziwe pántsi.

Wa, mtí Kála ! Wa, mtí Kála !

Uyindoqo, wena Kála !

6 Lontyatyambó k' inencindi—

Ongabet' umntu ngenqindi,

Et' ipúma kwa kwi-Kála.

Ayimnandi, ungakála !

Mfimfita loncindi, nkosi,

Udywidane kwa nenyosi ;

Kodw' ulumkele ndawana,
'Dol' ube sitwabanyana.
Wa, mtí Kála ! Wa, mtí Kála !
Unobugqi, wena Kála !

7 Ufana nom hlobo, Kála !
Ufana nembóngi, Kála !
Zona nto ziyolisayo,
Nok' intliziyo yopáyo ;
Ipúma pína yon' incindi,
Koburara buyindindi ?
Lupúma pína oluyolo
Kwingxakangxaka yengxolo ?
Wa, mtí Kála ! Wa, mtí Kála !
Uyi-Mbóngi, wena Kála !

8 Lit' ikála, yenjenjalo,
Nawe yiba kwanjengalo ;
Rol' uxolo mhla ngemfazwe ;
Ról' uyol', unced' isizwe ;
Onk' antsundu kwanamhlopé
Amagqira ngokumhlopé—

Ku-Mti Kála ayazuza,
Az' umfi abonwe ezuzwa.
Wa, mtí Kála ! Wa, mtí Kála !
Ungu-Mfundisi, Nokála !

9 Siyabulela, mtí Kála,
Nak' uva sipálapála :
Bubumnandi bokub' ukó,
Esizweni usisipó.
Hlal' uzole, mtí wakowetú,
Sikonze isizwe setú ;
Ung' akuva bekugxwala,
Ne-Nkos' akó bayigxwala.
Wa, mtí Kála ! Wa, mtí Kála !
Uyinzuzo, wena Kála !

10 Bazuzise amagwada ;
Bajoje bakúp' ingada ;
Bavumele bazigede,
Kwa nezísu kutí gede.
Masimbulele u-Tíxo—
Osinike isitshixo,

Sukuba sifike kuwe,
Sizuze lungaka ngawe.
Wa, mtí Kála ! Wa, mtí Kála !
Bóta, bota ke; mtí Kála !

IMBÁLELA.

- 1 SATSHA luqwítela, satsha, Sozinceba !
Baf' abantu Bakó, káubenzel' inceba !
Sicela imvula, sicela imvula,
Sicela imvula, sitsho ngokugula !
- 2 Camagu, Mhlekaazi, ngas' isono setú !
Ngesono sobawo nesenkosi zetú ;
Sicela imvula, sicela imvula,
Sicela imvula, sitsho ngokugula.
- 3 Limi ngapámbili namhl' ityala letú,
Simi ngapámbili kwanesono setú !
Siza sisitwéle, sesitaruzisa ;
Kupélile namhl' ukudungudelisa !

4 Camagu, Mhleka^{zi}, taru, Nkosi yetú !
Tshawe lama-Tshawe, taru, Bawo
wetú !

Camagu, Somandla, Nyana wak' u-
Yise !

Gxotá, gxot' imbánde^{zelo}, uyoyise.

5 Asiswele témba, sesizile Kuwe—
Akuzang' usikálale kub' i-Nguwe.
Silapá nje namhla, sikucel' uxolo—
Koko sityáfile, siluswel' ukólo.

6 Kodwa tarú, Bawo, sicela imvula !
Sip' eyokulima kwá neyokuvuna !
Ngegama lo-Yise, negama lo-Nyana,
Negama lo-Moya, ngokuvumelana.

ISIKÚNGO SEMVULA

1 NCEDA, Nkosi enamandla,
Ngobubele Bakó ;
Sipélelwe nangamandla
Ebusweni Bako.

- 2 Uluntu lwatshabalala
Ngokohlwaywa Nguwe ;
Gxotá oku kubalela,
Bekutúnywe Nguwe.
- 3 Sikonile, sikonile,
Ngokukúlukazi ;
Lonk' uhlanga lukonile,
Camagu, Mhlekaži !
- 4 Sone kongu-Bawo wetú,
Oyi-Nkosi yetú ;
Sone kongu-Tixo wetú ;
I-Camagu letú.
- 5 Tób' imvula yamazulu
Pézu kwezwe letú,
Sitsho kuwe, Gama-Kúlu,
Umnye Niba-Tátú.

UKUBULELA IMVULA

- 1 IMVULA, imvula, ipíwe ngesisa !
Lugxotiw' uqwitá obelusitshisa.
Yizani sigobe, senze umbulelo ;
Ku-Mtriniti omnye, owenz' uxolelo.
- 2 Asenzanga buhle bufanel' inywéba,
Besingasamelwe kukwenzelw' inceba,
Ulo-Tíxo Omkúlu, ohlal' ezulwini ;
Namhla sidanile sinyus' amadini !
- 3 Lemvula yanamhla isipútúmile,
U-Tíx' ubukúlu usibonisile,
Yizani, zinkosi nabantu boyihlo,
Yizani sigobe, senze umbulelo.
- 4 Ku-Mang'-angalanywa, engayi kwala-
nywa,
Ngaliso lotúli, ngaliso lanyama,
Osikwe yinimba ngentsizana Zaké
Watúlul' imvula kumazulu Aké.

5 Hozana, Hozana ! Wen' use-Nya-
ngweni,
Nguyise wo-Nyana omi e-Sangweni,
Yi-Mvana ye-Mvana ! Li-Xwane le-
Xwane !

U-Dolo-hle Yena, ongasekunene.

6 Badanile bonk', abebe vuyelela ;
Yitshoni nivuya ukumemelela—
Ihashe nomkwéli bajulelw' elwandle,
Indlala nokufa zilahlelwe pandle.

7 Ngu-Yeza Mhlonyane, omi ngaseziko,
I-Gqir' elikúlu, i-Ngqang' enepíko ;
Sotí sakulambá size sitye Yena,
Sití sakunxanwa sisele kwa Yena.

8 Imvula, imvula itótywe ngoxolo,
Izilwana zonke mazibe nokólo.
Abantu bomhlaba, omncinci nomdala,
Mabadume kunye, batí " Haleluya."

IMVULA

- 1 IMVULA ! imvula !
Mayine ihlamb' ilizwe ;
Zivuye zonke izizwe.
Imvula, imvula,—
Mayine imvula !
- 2 Yina, yina, mvula !
Bayavuya abantwana,
Badlala nemidlalwana ;
Imvula, imvula !
Yina, yina, mvula !
- 3 Iyana, iyana !
Iyadlob' impahl' enkulu ;
Nencinan' ivuya kakúlu ;
Imvula, imvula !
Bota, bota, mvula !
- 4 Yina, mvula, yina !
Kuvuy' incá kwa nemití,
Nezityafo zité píti,—
Imvula, imvula !
Sibulel' imvula.

5 Yina, mvula, yina !
Yina mvula kad' ungani,—
Sisit' inkomo zotya ni ?
Imvula, imvula !
Sayibona k' imvula.

6 Imvula, imvula !
Namhla kupiliwe,
Namhla kuvuyiwe ;
Imvula, imvula !
Umhle, umhle, mvula !

IMVULA NOHLAZA

- 1 IYANA imvula, iyana imvula !
Abalek' amanzi, angat' ayadlala !
Agutyul' izibi, agutyul' izibi !
Agutyul' izifo, emka namabibi.
- 2 Luyeza uhlaza, luyeza uhlaza,
Kupúm' abalimi, badal' ubusaza !
Ayez' amagqabi, int' eziluhlaza,
Zivatís' imití ngengub' eluhlaza.

- 3 Zoké zity' inkomo, zirabuz' utyani,
Zirabuz' utyani, zirabuz' utyani !
Zisele kamnandi, zihlise ubisi,
Azal' amatúnga, azale lubisi !
- 4 Kuzakuba kuhle nasemasimini,
Wakupós' iliso xa sekusemini !
Kuntshul' izitómbo, zeziye zikúla,
Zeziye zikúla, zeziye zikúla.
- 5 Hay' ke bet', imvula, hay' ke bet'
imvula !
Bulelani Lowo usipá imvula !
Ityebis' igusha, ityebis' ibókwe,—
Ezenza ingub' ezintle, kwa nelokwe.
- 6 Umhambí asele amanz' ebaleka
Amanzi amatsh' angakucekiseka !
Hay' ke bet' imvula ! hay' ke bet'
imvula !
Masimbulele Lowo usipá imvula !

- 7 Xa sesihlakula, xa sesihlakula !
Sesiman' ukutsho, sisusa ukúla ;
Sisalusa impahla, sisik' inqólowa,
Sitsho ngesekile, sisik' inqólowa.
- 8 Kuzakuba kuhle xa sekusekwindla !
Zitsholoz' intaka, zitsho zisizindla ;
Sitwél' amatánga, sipét' amazimbá ;
Sitsho ngezikwébu sizisa kovimbá.
- 9 Imvula, imvula, iza namabáso !
Ipílis' isizwe kwa nezilo zaso,
Ihlaziy' ingqondo, luqúbe uluntu ;
Isikúmbúz' u-Mdali, umtáandi wabantu.

INTLOKOHLAZA

- 1 SEYIDLUL' imihla ye-Silimela,
Iqabaka nengqele imkile,
Umkénce neképu linyibilikile,
Uqwítel' oloyikekayo ludlule—
Sikushiyile, Silimela.

2 Kúmbúlan' imihla ye-Nyang' e-Ntla-
ba,

Nití nqa 'de nibamb' imilomo,
Ngenxeni yemimoy' eyavútúzayo ;
Kwaw' izindlu kwabúkuqek' imiti.
Sala, wetú, Nyang' e-Ntlaba.

3 Namhlanje sibulisana neye-Túpa,
Inyang' eza isipátél' ihlobo ;
Ikáuleze yafik' inkungu nombeté
Naz' imini ziqalile ukuba shushu.
Hlala natí, wena Nyang' e-Tupa.

4 Owamahlatí u-Pézu-komkóno,
Yen' esisandulela sehlobo,
Selesibikele ngokutwása kwalo.
Lungisan' ipuluwa zasemlungwini,
Ixesha lidlula msinya.

5 Kángel' inyibiba zityatyambile,
Idwara nemitwán' ihlumile ;
Intili zivatíswe ngenc' eluhlaza ;
Kuzo ke kudlob' amatóle negusha—
Ifikil' i-Ntlok'-ohlaza.

- 6 Seziké zakónya zagqub' inkunzi,
Ziya zala nemazi zenkomo.
Kugwadlwana nemitúbi ngamakwé-
nkwe,
Selelungisw' amaselwa nemvaba—
Hlala nati, Ntlok'-ohlaza.
- 7 Kuk' ilif' elivel' entshonalanga,
Kuk' umbane nendudumo kulo.
Intaka zibetanis' amapíko azo.
Yonke lemiqondiso isalatísa
Ngehlob' elizakubakó.
- 8 Vukani, madoda, nifinyeze !
Omfutsháne nguwona unguwo.
Ukupíla kufunyanw' ekulimeni ;
Nizifundisiw' indlela zokulima,
Pákamani, betú, nenze.
- 9 Ize nityale umbóna namazimbá,
Ningawalibal' amatánga,
Kuba nawo aluncedo olukúlu,
Ekupélisen' indlal' elusatshéni,
Xa sekuswelek' icebo.

IXESHA

- 1 IXESHA linqabile
Ngapézu kwemali.
Tina besingazi,
Sibangwa kungazi.
Nditsho ngobulali,—
Ixesha linqabile.
- 2 Ngoko sukel' ixesha :
Ngamend' akó onke,
Nokuba wenzani,
Nokuba kuninina,
Yenza ngako konke,—
Ngoko sukel' ixesha.
- 3 Umzuzwan' omncinane,
Ongangepányazo,
Uyinto ngobunto ;
Nangáwo gqib' into,
Lont' ayilohlazo,—
Umzuzwan' omncinane.

- 4 Ixsha liyinzuzo,
Kolisukelayo ;
Unenzuzo enkulu
Yomhlaba nezulu,
Olitsibelayo ;
Ixsha liyinzuzo.
- 5 Ungashiywa lixsha !
Malingakupósi ;
Asint' ib' ibuye,
Isuk' ipuncule.
Ndihlaba lomkósi,—
Ungashiywa lixsha !
- 6 Ndivumele ndipéze,
Hlez' ud' ulibale ;
Kodwa ndiyaleza
Njengoku kweyeza—
Ungaz' ulibale,
Ixsha ulifeze.

INYANISO

- 1 MAKUTÉTWÉ inyaniso,
Emhlabeni wonke ;
Makutétwé inyaniso,
Ezizweni zonke.
- 2 Iyinzuzo ipélele,
Lento inyaniso.
Into zonke zipélele,
Lento inyaniso.
- 3 Isindis' ezingozini,
Lento inyaniso,—
Ihlangul' emngcipékweni,
Lento inyaniso.
- 4 Ikukúp' ematyaleni,
Lento inyaniso,—
Ikubek' ezimbékweni,
Lento inyaniso.

5 Ténga, téng' izinto zonke,
 Ushiy' inyaniso—
 Ulihlwempu ngento zonke,
 Ngenxa yenyano.

6 Téngisa ngezinto zonke,
 Ushiy' inyaniso—
 Usityebi sento zonke,
 Ngenxa yenyano.

7 Inyaniso ! Inyaniso !
 Ewe, inyaniso—
 Inyaniso, inyaniso,
 Ewe, lixabiso !

UKUNQINELWA NGUNKWI- NTSHANA

1 HLALA kamnandi, mfondini !
 Wonwabe, nkazana ndini !
 Ungaxáli, mfana ndini !
 Ngokunjalo ntombi ndini !
 X'angakuwe unkwintshana,
 Umsulwa ngokosanana.

2 Nokokuba batínina ;
Nokokuba benzanina ;
Nokokub' uva njanina,
Nentlung' engakananina,
X' angakuwe unkwintshana
Umsulwa ngokosanana.

3 Ngad' ungen' enkatázweni,
Ngad' ufakw' etolongweni,
Ngad' ucunuty' esizweni,
Uncólisw' eluhlangeni,
X' angakuwe unkwintshana
Umsulwa ngokosanana.

4 Ngad' unukwe ngamagqira,
Ekutyóla ekumbira
Akwenz' elimdak' igqwira,
Uxónywe kwelamagqwira.
X' angakuwe unkwintshana,
Umsulwa ngokosanana.

5 Kodw' inenekaz' enkulu !
Ngade sebekwenza nyulu,
Unqinelwa ngabakúlu,

Ngenyaniso ezinkulu,—
 Ucásiwe ngunkwintshana
 Ubitye ngokwentshontshwana.

6 Akulali, uyavutá !
 Akutyebi, uyawutá !
 Wonk' umzimba uyafutá,—
 Ngokwenkomo enomdlutá ;
 Ucásiwe ngunkwintshana,
 Ungumxwitá wentshontshwana.

7 Ulikóboká lombanjwa,
 Ubotshwe wabíjwabíjwa,
 Ufe wafane wafunjwa,
 Akunanto yokuhlanjwa.
 Ucásiwe ngunkwintshana,
 Umqiqiba wantshontshwana.

8 Xolelana nonkwintshana,
 Uqal' ube ngumnumzana ;
 Xolela nelohlazwana
 Lincinci, lelomzuzwana.
 Xa lonwabiley' uvalo,
 Umkúlu, ungang' endalo.

UCOCEKO I

- 1 LENT' iza ngokuzoyisa,
Kuba kusihlwa kusisa ;
Kuk' idabi elikúlu,
Linengozi ezinkulu ;
Eliliwa ngumntu yedwa.
Evukelene kwa yedwa.
- 2 Ezomfazw' azilanyulwa,
Kuzo akukó kwahlulwa ;
Kulw' umzimba nompéfumlo,
Kulw' utúli kwa nomxélo ;
Omny' utsalela kowabo,—
Omny' utyálela kowabo.
- 3 Kude kufe olufayo,
Koyiswe owoyiswayo ;
Kub' umntu l' untlanga mbíni,
Ehambá nje umbáxa-mbíni ;
Kukó ke omakoyiswe,—
Kukwakó nomak' oyise.

- 4 Uba mnye mini afayo,
X' elow' agodukayo ;
Xa umoy' uye kowawo,
Ku-Lowo wawukúpayo ;
Xa umzimb' uba lutúli,
Owavela kul' ulutúli.
- 5 Lufik' apó k' ucoceko,
Ubunyulu nemfezeko ;
Kulomntu woyis' umzimbá,
Nenkanuk' ezizidumbá ;
Neminqweno eyimfumbá,
Ihlokondiba lomzimbá.
- 6 Umzimb' oneratshi ufe,
Onk' amandl' egazi afe ;
Ayibopélel' inyama,
Namalung' ayo amnyama,
Awalawule ngokwaké
Enze ukutánda kwaké.
- 7 Amandla alomntu, yeka !
Eqale ngaye nje, yeka !
Uza kulawula nesizwe,

Lipátwe nguye nal' ilizwe ;
Enetélez' elinzima,
Engahlalwa yinkunkuma.

8 Uté qokq ngokweqáshu,
Ute shinyi ngokomqwáshu,
Ubumbéne, uyint' enye ;
Int' atétá yona inye ;
Izwi laké 'sisu sake,—
Ngumzimbá nomoya waké.

9 Ehambá nj' akanavumbá,—
Labudyubu babuvumbá ;
Akangenwa nayimpehla,—
Akanamafút' apéhla ;
Uhlambuluke sululu,—
Ucoceke wayinyulu.

10 Woyikwa nangumkúhlane,
Njengomnyama kwisibane ;
Yonk' incukaca yencuku,
Namagqugul' obusuku,
Yen' uwabetá ngenzimbá,
Atsh' efohl' aye kufumbá.

UCOCEKO II

(Isiqendu sesibini)

- 1 LENT' umntu onococeko,
Wenz' izinto ngemfezeko ;
Wabaselwa waroqeka,
Watí konqo wagcadeka ;
Zonk' intsizi, zonk' intlungu,
Zamxovula wasitúngu ;
Akukó nt' isamngenayo,
Engenant' imnqabelayo.
- 2 Izandla zaké zezimhlopé,
Intliziyo ikwa mhlopé ;
Lenyama ayimncólisi,
Kuba akayixokisi ;
Uyoyise yamvumela,
Wayibopá yamtámbela.
- 3 Uyoyikwa, akoyiki,
Yonk' inqambí akayityi ;
Uyincátu ekutyeni,

Uyakét' eziselweni ;
Unempil' entle kunene,
Esekwe pézu kwenene.

4 Sinqwenelwa ngumntu wonk
Isimilo saké sonke ;
Nabo bamsinekelayo
Zint' ezabotshelwayo,
Umoya nemipéfumlo,
Lwakwinyam' ulongamelo.

5 Ngamakóboka ke lawo,
Akasinekelwa ngawo ;
Usinekelwa lutúli,
Kub' engalupúlapúli ;
Inkwintshana zabo zona,
Zitsho ukutí, " Niyona ! "

6 Ngoko qúba, mfo kabawo !
Nawe ke, ntombí kabawo !
Lonto ke sití similo,—
Iyamzel' umntu nempilo,
Nazo zonk' intsikelelo,
Kunye nezitámsanqelo ;

- 7 Atóng' amatóng' amahle,
Abon' imibon' emihle ;
Apúncule akungqingwa,
Acítéle akubúngwa ;
Yint' enjalo ucoceko,—
Luloyiso, yimfezeko.
- 8 Qokozeka ngokweqáshu,
Elitshe ngumlil' oshushu ;
Nanje ngegolide ebomvu,
Etshe kumazik' abomvu ;
Kukuz' ibe nexabiso,
Elingenamlinganiso.
- 9 Ukólo luzuz' indawo !
Itémba lime ngenyawo !
Utándo lube kwakuwe !
Uloyiso lume kuwe !
Woyikwe nangamagora,—
Akubalek' amagqwira.
- 10 Ngoko ndití qokozeka,—
Yiba nyulu kucoceka ;
Wobona ngempumelelo,

Isiza kuwe ngomelelo ;
 Woyis' ezasemhlabeni,
 Woyis' ezasezulwini.

UMFO ENDIMTÁNDAYO

- 1 Nditánd' umf' ongoyikiyo,
 Nditánd' umf' ongaxokiyo,
 Nditánd' umf' ongahexiyo,
 Kwintetó angumniniyo.
 Nanko k' umf' endimtándayo !
- 2 Nditánd' umf' okutéleyo,
 Nditánd' umf' otóbileyo,
 Nditánd' umf' opápíleyo,
 Nditánd' umf' ufundileyo !
 Nanko k' umf' endimtándayo !
- 3 Nditánd' umf' otánd' uxolo,—
 Ngenqwitél' abe noxolo ;
 Nditánd' umf' otánd' ukólo,
 Angenzi nto engena nkolo.
 Nanko k' umf' endimtándayo !

- 4 Nditánd' umf' otánd' isizwe,—
Alambé ngenxa yesizwe ;
Nditánd' umf' otíy' imfazwe,
Kodw' alwe ngexa lemfazwe.
Nanko k' umf' endimtándayo !
- 5 Nditánd' umf' ohlambá futí,—
Nditánd' umf' ofunda futí,
Nditánd' umf' olima futí,
Nditánd' umf' oguqa futí.
Nanko k' umf' endimtándayo !
- 6 Nditánd' umf' otánd' umkaké,
Kunye nabantwana baké,
Atánde abazali baké,
Atánde ityalike yaké.
Nanko k' umf' endimtándayo.
- 7 Nditánd' umf' otánd' iwabo,
Kwa nentombí zakowabo,
Umfo ongenalonwabo,
Kwakonakala kowabo.
Nanko k' umf' endimtándayo !

- 8 Nditánd' umf' ongaqumbíyo,
Ngenxa yentetó zentiyo,
Umfo ongarapuziyo
Ngumsindo, onganxiliyo.
Nanko k' umf' endimtándayo !
- 9 Nditánd' umf' akuba neratshi,
Libe lelingwele iratshi ;
Nditánd' umf' ongelotshitshi,
Ongahambiyo namatshitshi.
Nanko k' umf' endimtándayo !
- 10 Nditánd' umfo onempilo
Yomzimbá, neyompéfumlo ;
Omsulwa ngakwizincólo
Zezifo, nakwezomxélo.
Nanko k' umf' endimtándayo !

UMNTU OVIMBÁYO

- 1 LENTO umntu ovimbáyo
Yint' elúvo lugungqayo ;
Ngelevelwa ngabapáyo,
Kub' ufana nomnt' ofayo.

- 2 Unesif' esibuhlungu
Esimzalise ngentlungu,—
Samtyúty' onke amalungu
Wanentliziy' ebuhlungu.
- 3 Ubutóngo akabuva,
Kwanokuty' ok' akakuva ;
Ubunt' obu akabuva,
Nobu-Krestu akabuva.
- 4 Ubumnand' ob' akabazi,
Ububele akabazi ;
Ulonwab' ol' akalwazi,
Nocwáyitó akalwazi.
- 5 Yena wayam' emoneni ;
Utémbéle elunyeni ;
Unaratshana lingeni,
Liqamel' ekuvimbéni.
- 6 Mhlaumbí lento iyimfuza ;
Mhlaumbi lent' asiyomfuza ;
Yayimfuz' ayabi mfuza—
Soyeka-na ukumkúza ?

7 Singemgqibi ukumlanda,
Ubaze ngokwesilanda ;
Kanti noko siyamtánda,
Asifuni nokumlanda.

8 Igama ngu-“ Ntwana-zaké,”
Ocinga ngentwana zaké ;
Olahl’ izihlobo zaké,
Walahla nenkosi zaké.

9 Ngu-“ Magongoma-ndifihle,
“ Kwababe ndipá ndifihle,—
“ Kwabohlanga undifihle,—
“ Kwabegazi lam ndifihle.”

10 Masimyeke bet’, ahlale,
Aty’ ahluté ad’ alale ;
Wob’ avuk’ adabalale,—
Kweso simb’ atshabalale !
Bóta, mhlobo, Ntwana-zake !

UMONA

- 1 Esisifo singu-Mona,
Nqwa nokwékw' olu, kekóna,
Akonwabi umniniso,
Uyangcungcutéka siso.
- 2 Ngunozala wentw' ezimbí,
Umnt' onaso naye mbi,
Ungafika enocúku,
Etúkuza njenge ntuku.
- 3 Esisifo sinenzondo,
Siyanuka njengomzondo,
Siqúbel' entolongweni,
Siruqela elishweni.
- 4 Onomona uyavimbá,
Noxa sebezel' ovimbá,
Akakátáli ngofayo,
Ulibala nabampáyo.

5 Umntu, x' aya kuba ngumntu,
Makaqond' into zobuntu,
Makagxoté amakwéle,
Kwanomona awuswele.

6 Ungaqél' ukuzincoma—
Ebantwini uyazixóma.
Tób' ubatímb' intliziyo,—
Kwa nabo bangakwaziyo.

7 Unomona, uncólile,
Noxa ngat' uzolile ;
Enenen' ukóhlakele,
Nangezenzo wonakele.

8 Gxot' umon', ukuz' utándwe !
Tánd' abant' ukuz' utándwe !
Bek' abant' ukuz' ubekwe !
Gxot' iratsh' ukuz' ubekwe !

W. D. CINGO.

ISIFO SOCÚKU

- 1 Umnt' ónesifó socuku,
Unamgaqwana wempuku ;
Uyimfama ngokwentuku,
Upándula ngokwenkuku.
- 2 Ungqongwe zif' ezininzi,
Zinjalo nje zizinkunzi,
Zimtsho wolo, zamtsho zinzi,—
Watsh' igama wangu—"Ninzi."
- 3 Ulunya nentlebwane,
Umon' umenza imfingwane ;
Ngokuvimbá yinjobane,
Nditétá ke lulovane.
- 4 Ndití lonto ngumkúnana,
Owome walukúnana ;
Lufele namatánjana
Negaz' eli ngamanzana.

- 5 Makayekw' azihlalele,
Into zaké azenzele ;
Woz' abuy' azicingele,
Aqale azitándazele.
- 6 Zonk' izinto zinempilo ;
Nemfihlelo zinentyilo ;
Nalomhlobo unomlilo,—
Woz' uvut' azuz' impilo.

LINGA KWAKÓNA

- 1 ESISIYALO uz' usigcine ;
Linga kwakóna !
Xa woyiswayo uz' usicinge ;
Linga kwakóna !
- 2 Xa sekunzima, kuqinileyo,
Pínd' ulíngé.
Xa kulusizi, udanileyo,
Pínd' ulíngé.

- 3 Akuko ntloni, akukó hlazo,
Kulitámsanqa, kukwayinzuzo ;
Tát' izixóbo, zama kwangazo,
Pínd' ulinge.
- 4 Xa sewufun' ukoyisisa,
Linga kwakóna.
Qonda lamazwi, ayavisiswa ;
Linga kwakóna.
- 5 Zonk' izityebi, bonk' abembéko,
Zonke indidi, zadel' ugxeke,
Zanomzingiso kolubaleko—
Linga kwakóna.
- 6 Atshw' amadoda, zatshw' intokazi,
Pínd' ulinge
Zapúmelela, kwingxakokazi,
Pínd' ulinge.
- 7 Akuncedi nto, ukubuy' umva,
Uyakutshona, unga bék' emva ;
Zikis' ingqondo, zama ukuva ;
Pínd' ulinge.

UKUVULWA KWEZIKOLO

- 1 ZIYAVULWA, ziyavulwa !
Ziyavulwa izikolo ;
Siyakulwa, siyakulwa !
Nobudenge kwanenkolo.
- 2 Amakáya siwashiya,
Noko sibe siwatánda ;
Eliduli siyaliya
Ngokungekó namatánda.
- 3 Ubumnyama busahleli,
Pákatí kwesizwe setú ;
Umz' untywilil' elishweni,
Wopúma ngoncedo lwetú.
- 4 Siyakulwa, siyakulwa !
Sifunzwe ngomsind' omkúlu.
Sakugilwa siyekuwa,—
Sovukel' ekulweni kakúlu.

5 “ Kuf’ ayayo, kuf’ ayayo ! ”

Litsh’ ilizwi lokufunza.

Indod’ iqubul’ ezayo,

Ingacingi ngokubuya.

6 Sezilapó netitshala,—

Amagora amakúlu.

Selexóbe agqibela

Ngezixóbo ezinzulu.

7 Zixóbe unyamezelo,

Zixóbe ukólo notándo,—

Umtándazo nentembélo

Kanti noko zinepángo.

8 Axóbile lamadoda,—

Asizuzisa lukúlu ;

Tína sití ngamadoda,

Ngokwenenekaz’ enkulu.

9 Sifundisw’ impembélelo

Zokunced’ uhlanga lwetú,—

Sifundisw’ unyamezelo

Lokutwál’ isizwe setú.

- 10 Ziyavulwa, ziyavulwa !
Izikolo ziyavulwa !
Ngezingqondo siyakulwa,—
Sak' inqaba eliliwa ;
- 11 Silishiye elilizwe
Lipákame lapézulu ;
Izizamva zelilizwe,
Zilihlale ngokwezulu.

IHOLIDE

- 1 KANIPÚML' ezifundweni,
Kánipúml' ezibalweni ;
Kukade nitwéle nzima
Ngapézulu kokulima.
Kánipúmle, kánipúmle, madodana,—
Kánipumle, kwanani mutínjana.
- 2 Kuté kóna kulonyaka,
Kwafumane kwatí nyaka !
Izifundo zanga ngencá.
Kwasikw' imizí nezincá.

Kánipúmle, kánipúmle, makwénkwa-
na,

Kánipúmle, kánipúmle, ntwanazana.

- 3 Kade niyitshís' ingqondo,
Kwade kwanga kutsh' idobo ;
Buyaluzel' ubucópo
Ngokwezintlwa zesixóbo.
Kánipúmle, kánipúmle, bafanana,—
Kánipúmle, kwanani matókazana.

- 4 Niziqwelile nemviwo,
Ngent' ezingenalwaziwo ;
Ngelwimi zasezizweni,
Natsho wancam' umnt' ezweni,—
Kánipúmle, kánipúmle madodana,
Kánipúmle, kánipúmle mlisazana.

- 5 Kánisezele umoya,—
Nemidlalo enesoya,—
Niqokelele nibutá,
Indalo nenz' amafutá,
Nicinge ngobuhle bayo,
Kwanangay' u-Mdali wayo.

- 6 Kánipúmle, kánipúmle,
 Ngokwenene kánipúmle ;
 Zenipúmle ningalali,—
 Elixá ningalibali ;
 Kánipúmle, kánipúmle, kánipúmle.
 Inkos' ibe nani, nipúmle, nipúmle.

IQAQA LIQÁUK' UQÓQÓQÓ

- 1 Iqáqa liqikaqikek' eqaqaqeni,
 Laqoték' umnqonqo, laqáuk' uqóqóqó;
 Weqápú no-Qaqa eqíwule umqoqwa,
 Eqoq' ezongqaqa ze-Nqonqo ne-Nqu-
 qú,—
 Enqand' eloqaqa lingaqikiqeki,
 Liqotáqotéke liqáuk' uqóqóqó.
- 2 Zingqiki-ngqiki ke zengqota-qikili,
 Kuqúqúmb' iqáshu kunqanqaz' igqa-
 za,
 Kuqine zinqawa nakunqanqatéka,

Kunqatyw' inqudenqu kwezamaqu-
ngequ,
Kunqandw' eloqaqa lingaqikiqueki
Liqotáqotéke liqáuk' uqóqóqó.

3 U-Qaqa no-Qoqo baqoq' i-Qagqiwa,
Baqabel' i-Ngqeqe no-Qelekequshe ;
Banquml' i-Nqoloqó kwano-Qoboqo-
bo
Bagqiba ngengqina yenqatá lomnqo-
nqo,
Benqand' eloqaqa lingaqikiqueki,
Liqotáqotéke liqáuk' uqóqóqó.

4 Yaqala k' ingqongqo yagqiba ngengqu-
ngqo,
Aqamb' amaqaji kwaqóqóz' ingqolo ;
Aqul' amaqulo aqulat uqunyo,
Agqolod' ingqaqu kwaqáuk' inqweme-
sha,
Kunqandw' eloqaqa lingaqikiqueki,
Liqotáqotéke liqáuk' uqóqóqó.

5 Nqand' uqongqotwán' enqonqoz' ubu-
gqira,

Ngumnqonqozi qánqo, yingqweqwe
yeqwela ;

Liqotáqikili umnqunqi weqwiqwi,

Aqwel' eqweqwed' igqala loqíngqo-
she,

Lanqandek' iqaqa liqotáqotéka,

Waqáuk' uqóqóqó, lanquma k' inqatá.

IQOQA LE-NGQONGQO

1 LINQUNQEN' iqoqa,

Lengqongqo nengqungqo,

Ninqunq' umqaqoba,

Umt' ogquzu-gquzu.

Chorus : Ngqi-ngqi-ngqi-ngqi !

Ngqo-ngqo-ngqo-ngqo !!

Sh-sh-sh-sh-sh—

Sh-sh-sh-sh-sh—

Ngqi-ngqi-ngqi-ngqi !!

Ngqo-ngqo-ngqo-ngqo !!!

2 Qalani ngengqongqo,
Ngengqaqu nengqungqo ;
Ningqumshel' igqumo,
Kuqoqoz' iqula.

3 Nqunqan' uqaqqa
Ngezingqi zengqongqo ;
Kuququmb' iqaa,
Aqumb' uqimngqoshe.

4 Qoqa lomqaqoba
Laqungqut' ingqongqo ;
Zaqt' iminqonqo
Iz' nqonqo zengqe.

5 Qoqan' iqoq' elo !
Ngqongqotó ze-Nququ,
Zagqogq' i-Gqogqora
Ziqingq' izigqigqi.

6 Qwaqwadu lwe-Qweqwe,
Manqab' inqudenqu,—
Yomqol' equngequ ;
Ngqongq' o-So-gqugqugqu !

7 Qamkaz' elingqoqo ;
 Qakanc' ogqezegqe,—
 Qungquta lengqongqo,
 Ungqaqul' ingqaqu !

IXOXO NOMXÁX' OMXOXOZI

- 1 LIXABEN' ixoxo ngomxáx' omxoxozi,
 Lanxanxaz' inxúnxú, lixóm' izixe
 ngxe ;
 Ixoxo kaloku lixoxw' umxoxozi
 Lixoxw' umxafel' onxafa-nxafa,
 Kuxónyw' inxubusha kunxónxw' inxo-
 nxwana
 Kunxanxazw' inxúnxú yomxáx' omxo-
 xozi.
- 2 Lixaben' ixoxo ngomxáx' omxoxozi,
 Lanxanxaz' inxúnxú, lixóm' izixe-
 ngxe ;
 Linxanxadi-dala lanxanw' e-Nxinxolo,
 Lixámla-nxaxéba zagxegxesikazi ;

Kuxómen' e-Nxaxo, kwaxóman' e-
 Mxwexwe,
 Kuxélwe maxwáne, kuxélw' e-Xuk-
 wane.

3 Lixaben' ixoxo ngomxáx' omxoxozi,
 Lanxanxaz' inxúnxú, lixóm' izixe-
 ngxe ;
 Kwanxám' u-Xokiw' ingxazangxaza-
 kazi ;
 Waxox' ingxoxwan' ap' engxakangxa-
 kana ;
 Waxel' inxanxadi ligxek' amagxagxa,
 Waxox' izixwexwe zomngxeng' enxá-
 nxósi.

4 Lixaben' ixoxo ngomxáx' omxoxozi,
 Linxanxaz' inxúnxú, lixóm' izixe-
 ngxe ;
 Ngu Gxagxa-ngxubula, gxagxis' ama-
 gxagxa.
 U-Xox' ixálanx' elixóm' e-Xókonxa,

Nga-Xuka na-Ncwenxa kumaxaka-
xaka,

Xonxa ne-Xilinxá kungama xáxáxá.

5 Lixaben' ixoxo ngomxáx' omxoxozi,
Linxanxaz' inxúnxú, lixóm' izixe-
ngxe ;

Xolani, maxoxo, inkal' ixing' etyeni,

Lixónyiw' igxagx' elo belinixáxá ;

Kwaxakaxw' igxagx' emxáxéni wexo-
xo.

Nxe ngxam' omxoxozi xoz' ixam le-
nxozi.